INtetho kaSekela-Somlomo oHloniphekileyo uNomaindia Mfeketo iLungu lePalamente kumsitho wokusungula ngokusesikweni i-ofisi yeNgingqi yaseMthatha yoMkhuseli woLuntu ngomhla 01 October 2010

01 October 2010

Mphathi nkqubo
Adv uThulisile Madonsela, uMkhuseli woLuntu
Ookomishoni
Iindwendwe ezibekekileyo
Manene namanenekazi

Kuliqhayiya kum ukuba ndibhekise amazwi kulo msitho wokusungula ngokusesikweni i-Ofisi yeNgqingi yoMkhuseli woLuntu.

Mandiqale ndithathe eli thuba lokuvuyisana no-Adv uThulisile Madonsela ngokuthi achongwe achongelwe kwisikhundla sokuba nguMkhuseli woLuntu nomsebenzi omhle awenzayo ukuzalisekisa igunya le-ofisi yakhe.

Andikwazi kuyigxininisa ngokwaneleyo indima ebalulekileyo edlalwa ngamaziko afana ne-Ofisi yoMkhuseli woLuntu ekuphumezeni iinjongo zorhulumente wentando yesininzi. UMkhuseli woLuntu womeleza intando yesinizni yomgaqo-siseko ngokuphanda nokulungisa nayiphi na imiba yombuso engalunganga okanye eyonakalisa ukuziphatha ngokobulungisa. Ngowama-2009 – 2010, uMkhuseli woLuntu waphanda izikhalazo zokuziphatha ngokungafanelekileyo ezili-16 136 ekwathi kuzo kwaphethwa uphando lwezili-14 738. UMkhuseli woLuntu ukwaqulunqe iingxelo ezingama-44 ngokubhekiselele kuphando kunye neenkqubo zokufikelela kuluntu. IPalamente izixhasa ngokupheleleyo iinzame ze-ofisi yakho zokubeka esweni ulawulo olugwenxa kunye nezinye iintlobo zokuziphatha ngokungafanelekanga.

UMgaqo-siseko welizwe lethu ubophelela amaziko ombuso ukuba ancedise kula maziko ukuqinisekisa ukuzimela kwawo, ukungakhethi, isidima kunye nokusebenza kakuhle. Ukuphucula intsebenziswano phakathi kwePalamente namaziko axhasa intando yesininzi iNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe iseke i-Ofisi yamaZiko aXhasa iNtando yeSininzi njengeSigqibo seNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe esathathwa kweyeNkanga 2008.

Eyona njongo ibalulekileyo yale-ofisi kukulungelelanisa intsebenziswano kuyo yonke imiba ebandakanya la maziko. Le Ofisi, phakathi kwezinye izinto eza kuzenza, iza kulungisa iingxelo

ezifumene kumaZiko aXhasa iNtando yeSininzi ukuqinisekisa ukuba ziyashukuxwa yiPalamente. I-Ofisi iza kulandela izigqibo ezithathwe kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe ukuqinisekisa ukuba ziyaqaliswa ngokupheleleyo.

IPalamente inxibelelene nabo bonke abachaphazelekayo ukwazisa le ofisi intsha. Kulo mba, nangomhla we-8 kweyoMsintsi 2010, i-ofisi kaSomlomo yabamba intlanganiso nawo onke amaZiko aXhasa iNtando yeSininzi, eyaba yintlanganiso yokuqala elolu hlobo ukusukela ngowama-1994. Injongo yaloo ntlanganiso yayikukuphonononga iindlela zokuxhasa nokukhusela la maziko kwakunye nokwazisa le ofisi intsha. Kwabakho ukutshintsiselana ngeengcinga eziphilileyo kwaye intlanganiso yaba neziphumo ezihle. INgxelo yeNtlanganiso iza kujikeleziswa kubo bonke abachaphazelekayo. Kuza kubakho unxibelelwano kwixesha elizayo njengokuba siqhuba ukuyomeleza ngokuyomeleza iPalamente ukwenza umsebezi wayo wokongamela.

AmaZiko oMbuso aXhasa iNtando yeSininzi afana noMkhuseli woLuntu aphendula kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe kwaye enza ingxelo yomsebenzi awo nendlela awenza ngayo umsebenzi wawo ngamaxesha athile amiselwe ngumthetho. IKomiti yeXeshana (ikomiti) echongwe yiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe ngowama-2006 ukuphononononga la maziko yalatha kwingxelo yayo ukuba la maziko enza ingxelo ePalamente ngeenjongo ezimbini; eyokuqala, ukwenza ingxelo ngendlela owenziwa ngayo umsebenzi, okwesibini, ukwazisa, ukunceda nokuncoma indima yokongamela kwePalamente. Ingxelo yekomiti icacisa ukuba ezi zindlela ezimbini ezinxulumeneyo la maziko angathi asebenzisane ngazo neNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe.

La maziko azisa ngaphambili iingxelo zonyaka apho zinikezela ngeempendulo malunga nomsebenzi wawo kwakunye nendlela imali ayabelweyo ayichithe ngayo. Ezi ngxelo zithiwa thaca kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe zize emva koko zigqithiselwe kwiikomiti ezifanelekileyo.

Ngaphezu kweengxelo ezimalunga nokuphendula amanye ala maziko azisa ngaphambili iingxelo ezizimeleyo neziyinene kwiNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe ukuze izihlalutye ize isungule. Umzekelo, uMthetho woMkhuseli woLuntu ugunyazisa uMkhuseli woLuntu azise ngaphambili iingxelo ePalamente, ngalo naliphi na ixesha ngeziphumo zophando oluthile ukuba ubona kuyimfuneko oko okanye xa ecelwe ukuba enze njalo nguSomlomo weNdlu yoWiso-mthetho yeSizwe. Umthetho ovumela amanye maziko unezi zibonelelo malunga nalo mba.

AmaZiko aXhasa iNtando yeSininzi kunye nePalamente asebenza “njengoonogada” kurhulumente namanye amaziko ombuso. Akwaxhasa enceda iPalamente kumsebenzi wayo wokongamela ngokubonelela ngolwazi olungafumaneki lula kwiSigqeba okanye kubaPhathiswa. Ezi ngxelo zizimeleyo neziyinene zifanele ukuncoma indima yepalamente yokongamela ngokubonelela ngolwazi malunga nendlela iSigqeba/abaPhathiswa abasebenza ngayo kunye neminye imibutho yoluntu.

Ukusekwa kwe-Ofisi yamaZiko aXhasa iNtando yeSininzi yinxalenye yeenzame zokomeleza ngokomeleza iPalamente ukunxibelelana nala maziko nokuqinisekisa ukuba iingcebiso ezenzayo zithathelwa ingqalelo, zamkelwe zigqithiselwe ukuze ziqaliswe ukwenziwa.

ICandelo 55 loMgaqo-siseko liyalela iPalamente ukuba ibonelele ngeendlela ezisebenzayo nezifanelekileyo zokuqinisekisa ukuba onke amalungu ombuso kwinqanaba lesizwe likarhulumente aphendula kuyo; ize ixhase ulongamelo lwala maziko.

Ukusebenzisana ngqo nokulawulwa kwezimali zikarhulumente kunye neminye imibutho

enxulumene nombuso, iPalamente yaseka iKomiti yee-Akhawunti zoLuntu kunye neSCOPA ukuqinisekisa ukuba ngenene izimali zelizwe lethu zichithwa ngendlela efanelekileyo. Ezi Komiti zikwasebenza ngokusondeleleneyo ne-Ofisi yoMphicothi-zincwadi-Jikelele owenze umsebenzi omhle wokudandalazisa urhwaphilizo, ulawulo olugwenxa kunye nokunqongophala kweenkqubo zokulawula izimali apho zinqongophele khona.

Ngaphakathi, iPalamente ikwakhokela ngomzekelo, kwaye iye yasungula iphulo lokulwa ubuqhetseba elimemelela “amaziko acocekileyo, angenalo urhwaphilizo nolawulo olugwenxa”. Eli phulo liyalela abasebenzi kunye naMalungu ePalamente bathembise ngenkxaso yabo kwiSibhambathiso sokuzinikela kwinkqubo yokuphendula ecacileyo engenabuqhetseba narhwaphilizo. Ngaphezu koko, uhlengahlengiso lweendlela zokunikezela ngemisebenzi kwePalamente zexesha eliphakathi kowama-2007 – 2009 luyaqhubeka. Isiphumo sohlengahlengiso siya kwenza ukuba sikwazi ukuthatha amanyathelo afanelekileyo ukuqinisekisa ukuba iindlela zethu zokunikezela ngemisebenzi azikwazi kuxhatshazwa nangayiphi na indlela.

Ukugqibezela, ndinqwenela ukukhuthaza i-Ofisi yoMkhuseli woLuntu yaseMthatha, ukuba ibe liziko elineengcambu nelifikelelekayo kuluntu, iziko elichongwe njengelinye elimemela ubulungisa, ukuziphatha ngokufanelekileyo nangemfezeko.

Ngawo onke amanyathelo athathiweyo ukuqaqambisa ukongamela kwePalamente, ndiqinisekile ukuba i-ofisi yakho iya kufumana iqabane elixhasayo ukukhuthaza ulawulo olufanelekileyo.
Isihlomelo
IsiBhambathiso sokuzinikela sifundeka ngolu hlobo kwaye siboniswa esidlangalaleni kwigumbi lokulindela elikwiSitalato iPlein 90, neParliament eKapa.

Njengomqeshwa nomlawuli wePalamente yoMzantsi Afrika, ndiyazinikela kukukhonza abantu ngendlela ehambelana nombono wePalamente.

Oku kuthetha ukuba ndiza kuziphatha ngendlela ekhuthaza ukuthembeka nobugorha bokwenza okulungileyo ngalo lonke ixesha. Ndizinikela uku:

Ukuphakamisa nokukhusela izixhobo eziluncedo ezifunekayo ukuphumeza umbono wePalamente;

Ukuxhasa, ukukhuthaza nokuvumelana nokuziphatha ngokufanelekileyo emsebenzini naphakathi kwabalingane noogxa bam;

Ukukhuthaza bonke abanolwazi lokuziphatha ngendlela engamkelekanga ukuba beze ngaphambili nengxelo yoko kuziphatha ngokwesivumelwano somgaqo-nkqubo weli ziko;

Ukungamkeli ngesisa, isipho okanye ukwenzelelela okuya kuthi kuphazamisane nokukwazi kwam ukuthatha isigqibo esilungileyo nesinobulungisa; kunye

Nokuzisa ngaphambili ingxelo zokuziphatha okungafanelekanga emsebenzini, amaqhinga, urhwaphilizo nokwenza okungalunganga endinokuthi ndikwazi.

Ngokuziphatha ngale ndlela ichazwe ngasentla, nezenzo zam zihambelana nokuphakamisa indlela ejongwe ngayo iPalamente noMgaqo-siseko wethu, ndiya kwenza igalelo ekuphumezeni umbono womgangatho ongcono wobomi kubo bonke.

Esi sisiBhambathiso sokuzinikela kwam.

Ndiyabulela.